



VAKALISA ULUVO LWAKHO! INGCACISO ENGESICWANGCISO'BUCHULE SOKULAWULA IMFUNEKO ENGAMANDLA ENGEZOHAMBO

ISixeko sihlaba ikhwelo kuwo onke amaqela anomdla nachaphazelekayo ukuba avakalise uluvo kwingxelo okanye kwingcaciso engeSicwangciso'buchule saso esingoLawulo lweMfuneko engezoHambo (TDM).

Ingaba uxinge kugxalathelwano lwezithuthi? Ulawulo lokukhula kwezithuthi edolophini lubalulekile kuphuculo lokuhlala kweKapa linenkqubela. Vakalisa uluvo lwakho ngendlela apho iSixeko esiqubisene ngayo ekuxhomekekeni kwabantu kwizithuthi nendlela engokuhamba kwabo ukuze kubenakho ukufezekiswa ngakumbi kwendlela engohambo labakhweli eluqilima kwaye kuphuculwe ixesha lokuhamba kwabantu, ezempilo nesimo ezindleleni.

Isicwangciso'buchule esingeTDM yingqokelela yamanyathelo apho ajolise ekulawulweni kokuhamba kwabantu ngokuthi komelezwe umthamo osele usetyenziswa wezithuthi nezakheko ezingundoqo. Sithi kwakhona sikhuthaze iindlela zokuhamba ezilungilela nokuchongwa apho kuthi kubephambili ekufezekisweni kweenjongo ngokujoliswe kwinkqubo kulungiselelwa izithuthi zabucala.

Esi sicwangcisobuchule licandelo eliphambili leSicwangciso sezoThutho esiHlanganisweyo ngokubanzi seSixeko esisusela ngowama2023 ukuya kowama2028 (CITP), njengoko sicacisa indlela yokukhawulelana nezohambo ngokulinganayo okungokukhawulelana nezakheko ezingundoqo zezothutho nomthamo wendlela yokuhamba ngokujoliswe kuzo zonke iintlobo zokuhamba apho kuthi kubephambili ekufezekisweni kweenjongo ngokujoliswe kwinkqubo engezothutho ngokuhlangeneyo.

Injongo yesicwangcisobuchule kukucutha ingxinano yezithuthi endleleni nokucuthwa kwamaxesha angehambo ngokuthi kucuthwe imfuneko yokusetyenziswa kwezithuthi ngexesha likaxakeka, ingakumbi izithuthi apho kukhwele umntu omnye. Kwakhona, sizama ukwenza igalelo kubuqilima bokusingqongileyo bendalo ngokuthi sicuthe ukusetyenziswa kwezithuthi.

Ngokwecandelo 17 loMthetho ongobuRhulumente boMmandla ongoLawulo lweNkqubo zikaMasipala ongunomb.32 wango2000, uluntu namaqela anomdla okanye imibutho iyakuthi inikwe ithuba lokungenisa kumasipala izimvo, izindululo okanye izilungiso ukususela ngoLwesithathu we15 kweyeDwarha (Okthobha) ukuya ngoLwesithathu we13 kweyeNkanga (Novemba) 2025.

Izimvo, izilungiso nezindululo zingangiswa nge:

- I-imeyile: UrbanMobility.CT@capetown.gov.za (ucaphule iSalathiso esingu110252603)
- Ikhonkco leintanethi: Skena kwikhowudi iQR ukuze ungenise izimvo zakho kubuchwepheshe bale mihla
- Ndwendwela kwa www.capetown.gov.za/haveyoursay
- Izingeniso ezibhaliweyo ezilungele ukuposwa: Amaxwebhu agcwaliswayo ukungenisa izingeniso ezibhaliweyo, ayafumaneka kwiofisi yebhungana ekufutshane nawe okanye kwisakhiwo sethala leencwadi seSixeko



ISicwangcis'obuchule esingeTDM nesishwankathelo sesigqeba ziyakuthi zifumaneka ukuba ziphononongwe:

- Kwiwebhusayithi yeSixeko: www.capetown.gov.za/haveyoursay
- Kuzo zonke iiofisi zamabhungana nakwizakhiwo zamathala eencwadi zeSixeko

IYunithi yeNtathonxaxheba yoLuntu iyakuthi incedisane nabo bantu bangenakho ukufunda okanye ukubhala, abo bakhubazekileyo nabo bahlelelekileyo apho bangenakho ukungenisa izimvo ezibhaliweyo. Qhagamshelana noZandile Mahlasela weCandelo leSixeko Lokufakan' Imilomo Nabahlali ku021 400 5501 okanye ku Zandile.Mahlasela@capetown.gov.za.

Ukuze ufumane ingcaciso engakumbi ngokumalunga nale prowujekthi, imeyilela kwa UrbanMobility.CT@capetown.gov.za okanye uqhagamshelane noMphathi weProwujekthi kwa 021 400 4717.

